**CAPE WINELANDS DISTRICT MUNICIPALITY**

# ISIMEMEZELO ZEZINDULULO

Ngokuhambisana neenjongo zobuChule, uMasipala weSithili waseCape Winelands (CWDM) unezi nkqubo zenkxaso zilandelayo ezifuna izicelo zokunikwa ingxowa-mali kunyaka-mali wowama-2024/2025 (1 kwayeKhala wowama- 2024 ukuya kumhla wama-30 kweyeSilimela ngowama-2025)

**Iifomu zezicelo ziya kufunyanwa kweziApplications forms may be collected from the following offices of the CWDM.**
**Stellenbosch: 29 Du Toit Street;**
**Paarl: 194 Main Street;**
**Worcester: 51 Trappes Street;**
**Ceres: 27 Munnik Street;**
**Robertson: 46 Van Reenen Street;**
**Montagu: 56 Bad Street**

**Iifomu zezicelo zingakhutshwa kwiwebhusayithi: www.capewinelands.gov.za**

Nceda uqaphele ukuba akukho sindululo siya kwamkelwa nge-imeyile okanye ngeposi (ngaphakathi okanye ngaphandle) kwaye uMasipala wesiThili waseCape Winelands akanaxanduva ngezindululo ezingangeniswanga kwiibhokisi zethenda ngendlela emiselweyo. Akukho mbalelwano eya kungeniswa lilo naliphi igosa egameni likaMasipala wesiThili waseCape Winelands ngokuphathelele koku.

Nceda uqaphele kwakhona ukuba:
- Nasiphi isicelo esingeniselwe ingxowa-mali apho Idilesi esimthethweni/yendawo yokuhlala ikwindawo engaphandle kwemida kukaMasipala wesiThili waseCape Winelands esiya kuthathelwa ingqalelo; kwaye
- Umceli ophumeleleyo kufuneka aqinisekise ukuba i-akhawunti yebhanki isegameni lomceli.

Isimemezelo zezindululo/iNkxaso iya kubakho ukususela kumhla woku- 1kweyeKhala ngowama-2024.

## ISEBE: IINKONZO ZOKUCWANGCISA NOPHUHLISO LOLUNTU

### UPHUHLISO LOQOQOSHO LWASEKHAYA
### 1. IINKQUBO ZENKXASO ZAMAFAMA ASAKHULAYO/IINKQUBO/ULUNGISO ZOLIMO

Amafama asakhulayo / umanyano lwamashishini/ neSMME zeenkqubo zolimo kufuneka zingenise **isiCwangciso soRhwebo/isiNdululo** nesalathiso njengokulandelayo:

Iinkcukacha zoqhagamshelwano zePhulo, inkonzo yePhulo, indawo yePhulo ( umasipala B, iwadi, njalo njalo), iinjongo zePhulo, imisebenzi yePhulo, iziphumo zePhulo, iqela lemisebenzi eyenziweyo (yethutyana nesisigxina); iSakhiwo soLawulo loqingqo-mali, ukwenzeka kweshishini/kwephulo, ukufikelela kumhlaba okufanelekileyo kwamafama asakhulayo/amancinane ( ukwakhiwa ukuba ngaba kukwinkqubo zolimo zeeSSME nemithombo yamanzi, ukuqinisekisa ukufikelela kurhwebo kunye/okanye kulwazi olufanelekileyo lorhwebo. Ulwazi lababoneleli, uchongo loomahlulelane abangundoqo ngokuphathelele kwigalelo lobugcisa nofikelelo lorhwebo, uqheliso ngakwisini, ngakubulwelwe nangakulutsha

**Ukungqinela kwamaxwebhu akhaphayo**
Ubungqina bokubhaliswa kwento ukuba kuyimfuneko, ubungqina bobunini/okanye isivumelwano sokuqeshisa indawo/isakhiwo namalungelo amanzi kwaye ifomu yomDla wesiBhengezo seCWDM kufuneka sigqityezelwe.

Kwakhona qaphela ukuba iQela lokuXabisa lilindele ukuba isicelo sakho siba nawo onke amaxwebhu athobelayo athile eshishini nasemthethweni ancanyathiselweyo ngokweempahla zorhwebo/ezityaliweyo okanye ezenziwayo.

### 2. IINKQUBO ZENGXOWA-MALI YEMBEWU YORHWEBO

Amashishini asakhulayo/SMME ayamenywa ukuba agqibezele IFOMU YESICELO. ISMME lishinishini elisemthethweni okanye liya kuba lishishini elisemthethweni; iSMME iinenjo ezinokuchazwa ngokucacileyo, nokulinganiswa nezinokufikelelwa; isicelo esaneleyo sichaza ubuchule bokulawula, bemali, bobugcisa beSMME ukuba kunokwenzeka; amaxwebhu axhasayo ancanyathiselwe kwisicelo ukuquka ubungqina sobukho beshishini elibhalisiweyo ukuba kunokusebenza. Umceli ngamnye kufuneka agqibezele ifomu yomdla wewesiBhengezo yeCWDM. Ukuba asigqitywanga isicelo sakho asisayi kuthathelwa ngqalelo.

Kwakhona qaphela ukuba iQela lokuXabisa lilindele ukuba isicelo sakho sinawo onke amaxwebhu athobelayo athile eshishini nasemthwethweni ancanyathiselwe kwishishini ngalinye eliya kusebenza.

Zonke izicelo ziya kuxhomekeka kwinqubo yokuvavanywa. Kwimibuzo ethe kratya, nceda uqhagamshelane noPrudence January/Nozuko Bhobhi kule nombolo 0861 265 263

### UPHUHLISO LOKHENKETHO
### 3. IMISITHO NESEHLO ZOKHENKETHO

Abalungiselelo bezehlo/ NGO/ CBO/ NPO kufuneka bangenise isicwangciso soRhwebo / isiNdululo nesalathiso njengokulandelayo:

Iinkcukacha zoqhagamshelwano zePhulo, inkonzo yePhulo, indawo yePhulo ( umasipala B, iwadi, njalo njalo), iinjongo zePhulo, imisebenzi yePhulo, iziphumo zePhulo, iqela lemisebenzi eyenziweyo (yethutyana nesisigxina); iSakhiwo solawulo loqingqo-mali, ukwenzeka kweshishini/kwephulo, ukufikelela kubutyebi/kwimithombo yamanzi nomhlaba okufanelekileyo, ukuqinisekisa ukufikelela kurhwebo kunye/okanye kulwazi olufanelekileyo lorhwebo. Ulwazi lababoneleli, uchongo loomahlulelane abangundoqo ngokuphathelele kwigalelo lobugcisa nofikelelo lorhwebo, uqheliso ngakwisini, ngakubulwelwe nangakulutsha.

**Ukungqinela amaxwebhu akhaphayo**
UmGaqo-siSeko/iziQinisekiso inombolo yokubhaliswa kwequmrhu, NPO/ CBO/NGO, iinkcukacha zophicotho-zincwadi, iinkcazo zemali zakutsha-nje neengxelo zophicotho-zincwadi (ukuba zikhona), kwaye ifomu yomDla wesiBhengezo se CWDM kufuneka igqityezelwe.

Zonke izicelo ziya kuxhomekeka kwinkqubo yokuvavanywa. Kwimibuzo ethe kratya, nceda uqhagamshelane no-Abel Sondlo/ Cecil Fielies kule nombolo 0861 265 263.

### UPHUHLISO LWASEMAPHANDLENI
### 4. IINKQUBO ZEMIDLALO NEZENKCUBEKO

Nceda ungenise isicwangciso sorhwebo nala maxwebhu axhasayo alandelayo: ileta yokumanyana efanelekileyo yeBhunga lwemiDlalo yesiThili okanye umButho weNkcubeko, ubungqina sesakhiwo sombutho noLawulo lweBhodi; iKopi esayinwe kutsha-nje yemizuzu ye -AGM ; umGaqo-siSeko onomhla nosayiniweyo (ukuba ilungisiwe kwi-AGM yokugqibela); irekhodi lokuqhubekayo elingqinelayo lokunikezela iinkonzo ezifanelekileyo; ngokwefomu yezicelo iinjongo ezicacileyo zeziphumo kufuneka zibonakalisiwe kwisicelo; izicelo zemali kufuneka ziquke iinkcazo zemali okanye zophicotho-zincwadi; izicelo zemali kufuneka ukungamela ngaphakathi nokuvavanya iindlela zemibutho.

Kwimibuzo ethe kratya, nceda uqhagamshelane noMnu. G. Xawuka kule nombolo 0861 265 263.

### UPHUHLISO LOLUNTU
### 5. INKQUBO YENKXASO YOLUNTU

**Iintsapho nabantwana:** ukuxhatshazwa kwabantwana, UPhuhliso lweXhoba nobuGebenga obusekelwe kwiSini; iiNkonzo kwiiNtsapho; ukuThinteal uLwaphulo-mthetho loLuntu; **UPhuhliso lweminyaka yokuqala ebuntwaneni:** UKwakha ubuChule bestafu se-ECD; **abaNtu abaDala:** Ukukhathalela nokuxhasa abantu abadala; ukunciphisa ukuxhatshazwa kwabantu abadala, Inkuthazo yamalungelo abantu abadala; **Abantu abaphila nobulwele:** Ukukhathalela nokuxhasa abantu abaphila nobulelwe; iNkuthazo yamalungelo yabantu abaphila nobulelwe. EzeMidlalo neNkcubeko: Uphuhliso lwemibutho nesixhobo; ukubamba iziganeko; ukuhambelaiminyhadala yasekhaya, yephondo neyesizwe.

**Iimeko nemilinganiselo ezinokufaneleka ezinokusebenza kwizicelo zemali zoPhuhliso loLuntu Iinkqubo:**
Ubungqina sokubhaliswa njengeNPO okanye njengegatya 1 leShedyuli 1 yomThetho weeNkampani, 2008 (umThetho iNombolo yama-71 yowama-2008); ubungqina sesakhiwo sombutho noLawulo lweBhodi; iKopi esayinwe kutsha-nje yemizuzu ye -AGM ; umGaqo-siSeko onomhla nosayiniweyo; irekhodi lokuqhubekayo elingqinelayo lokunikezela iinkonzo ezifanelekileyo; ngokwefomu yezicelo iinjongo ezicacileyo zeziphumo kufuneka zibonakalisiwe kwisicelo; izicelo zemali kufuneka ziquke iinkcazo zemali okanye zophicotho-zincwadi; izicelo zemali kufuneka ukungamela ngaphakathi nokuvavanya iindlela zemibutho; imibutho yasekuhlaleni yoLuntu iyamenywa ukuba ugqibezele **IFOMU YESICELO**.

Kwimibuzo ethe kratya nceda uqhagamshelane noNkosikazi/nkosazana Ms M Benjamin kule nombolo 021 870 3216.

**Ukungeniswa:** Isimemezelo zezindululo zeeNkonzo zokuCwangcisa noPhuhliso loLuntu kufuneka zifakwe kwimvulophu evaliweyo enesitampu kwaye esayiniweyo ngegama elifanelekileyo nenkcazelo kwimvulophu. Ixwebhu elinesitampu kufuneka lifakwe kwiibhokisi zethenda ezisemthethweni kwii-ofisi zikaMasipala njengoko zidwelisiwe ngasentla ngomhla okanye phambi **koLwesine, womhla wama-26 kweyeDwarha ngowama- 2023 ngentsimbi ye-14:00**. Izicelo ezisemva kwexesha azisayi kuthathelwa ngqalelo.

## IINKONZO ZEMPILO ZIKAMASIPALA
### 6. ISICELO SAMANZI NEZOCOCEKO KWIZINDLU ZAMAFMA ASEMAPHANDLENI KUMMANDLA OPHANTSI KOLAWULO KAMASIPALA WESITHILI SASECAPE WINELANDS

Izicelo zenkxaso zokulungiswa kwamanzi nezococeko kwizindlu zabasebenzi basezifama ngokuhambisana nepolisi kaMasipala wesiThili saseCape Winelands kukulungiswa kweenkonzo zasemaphandleni – iziNdlu zabasebenzi baseziFama zingangeniswa ngoku..

**Ukungeniswa:** Izicelo zeeNkonzo zeMpilo zikamasipala kufuneka zithunyelwe kuKaren Esau kule imeyile karen@capewinelands.gov.za ngomhla okanye phambi **komhla wama- 30 kweyeNkanga wowama-2023** ukulungela iinkxaso ezinokwenzeka. Kwimibuzo ethe kratya, nceda uqhagamshelane noNkosikazi/Nkosazana Karen Esau kule nombolo 021 888 5834

## ISEBE: IINKONZO ZOBUGCISA
### 7. ISICELO SEEYUNITHI ZAMANZI ASHUSHU ELANGA KWIZINDLU ZABASEBENZI BASEZIFAMA ASEMAPHANDLENI KUMMANDLA OPHANTSI KOLAWULO KAMASIPALA WESITHILI SASECAPE WINELANDS

Izicelo zenkxaso lweeyunithi zamanzi ashushu elanga ezindlu zabasebenzi basezifama ngokuphathelele kwipolisi kaMasipala wesiThili saseCape Winelands kwizicelo zenkxaso zokulungiswa iinkonzo zasemaphandleni- izindlu zabasebenzi baseziFama zingangeniswa ngoku angangenisa o **KWIFOMU YESICELO** emiselweyo.

### 8. ISICELO SOKULUNGISWA AMANCEDO EZOCOCEKO NAMANZI KWIZIKOLO ZASEMAPHANDLENI KUMMANDLA OPHANTSI KOLAWULO KAMASIPALA WESITHILI SASECAPE WINELANDS

Izicelo zoncedo zokulungiswa amancedo ezococeko namanzi ezikolweni zasemaphandleni singangeniswa ngoku isicelo **KWINTLOKO ESHICILELWEYO ENCWADINI** esemthethweni yesikolo.

### 9. ISICELO SOKULUNGISWA AMANCEDO EZEMIDLALO KUMMNADLA OPHANTSI KOLAWULWA NGUMASIPALA WESITHILI SASECAPE WINELANDS

Izicelo zoncedo zokulungiswa amancedo emidlalo asemaphandleni angangeniswa kwimiButho/imibutho yasemaphandleni ngamaqela ezemidlalo akhutheleyo angangenisa isicelo **KWIFOMU YESICELO** emiselweyo.

**Ukungeniswa:** Izicelo zeSebe:IiNkonzo zobuGcisa kufuneka zithunyelwe nge-imeyile kuChristo Swart kule imeyile christo@capewinelands.gov.za ngomhla okanye phambi **komhla wama-30 kweyeNkanga yowama-2023** ukulungela iinkxaso ezinokwenzeka. Kwimibuzo ethe kratya, nceda uqhagamshelane noMnu. C Swart kule nombolo 0861 265 263

**H.F. PRINS**
**UMPHATHA KAMASIPALA**
**Cape Winelands**
**District Municipality**
**46 Alexander Street**
**Stellenbosch 7600**

CAPE WINELANDS DISTRICT
MUNICIPALITY • MUNISIPALITEIT • UMASIPALA

ayandamanga.co.za 149003